I-Mbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (31 March 1925), page 3

**A, Mzimb' Uyaquma!**

I-Tshawe lase Bilitani.

''Ngu Mzimb' uyaquma elokubuliswa!
Ngu Mzimb' uyavuta elomteketiso!
Ngu Zweliyazuz' elibizwa ngasemva.
Ngu Tshawuz' imiban' elibizwa yiMbongi."

Pumani nonke nize kufanisa!
Pumani nonke nize kufanisa![1]
Sisilo sinin' esi singaziwayo?
Singajongekiyo singaqelekiyo?
Pumani nonke nize kufanisa!
Yaz' iti kanti ngulo Gilikanqo
Isil' esikul' esingaziwa mnxuma.
Yaz' it kanti yile nabulele,
Isilokaz' esikuiu seziziba.
Yaz' iti kanti ngu Makanda-mahlanu
Inyok' enkul'eza ngezivutuvutu.
Pumani nonke nize kufanisa!
Lent' umzimb' uyaquma ngati liziko.
Lent' umzimb' uyavuta ngati lidangatye.
Lent' iququmb' intlantsi ngati nguSindiyandiya.
Lent' itshawuz' imibane ngati sisibhakabhaka
Sinnika!

Nank' esiz' u Tshawe le Bilitani!
Inzala yenyatikaz' u Vitoliya,
Inkazan' ebu Tixora kuhlanga Iuka Ntu.
Ebu moya butolara, bugqirara.
Nants' isiz' ikwe kwa Joji wesi Hlanu,
Azi sakuyitinin' ukuyibonga?

[1] *Inzuzo* has *kufanekisa* at the end of these two lines.

Siyibong' ingenzakali noko;
Kuba sesiyintang' enengozi,
Siyibong' inkos' itsh' intshul' ufundo;
Siyibong' inkos' yapuk' umqolo;
Siyibong' inkos' itsh' ipum' isifombo[2].
Yez' emadoden' ikwekw' a Komkulu!
Umdak' oliso litshawuz' imibane,
Liti lakukujezul' ung' ungapanyanza,
Umdak' osabupotyo-butyato.
Unganganobom wakuwondela,
Kok' itol' leramncw' alondeleki.
Nabake balinga bajub' isiduli.
Bati kusuke kutwanga-ncilikiti.
Buzunguzane buyengelezane.
Kubek' int' eti yifo' okokupela.
Sabu Bijela sabu Cantira.
Sinnika!

Lez' itol' omtonyama lobuKumkani![3]
Yez' ikwekw' omgquba yasebu Kosini.
U Mzimb' uyaqum' elokubuliswa,
U Mzimb' uyavuta elomteketiso,
U Zweliyazuza elibizwa ngasemva
UTshawuz' imibane elibizwa yiMbongi[4].
Yez' ixom' izindwe yaxom' ngijo!
Yez' ifak' umxaga yafak' iphunga;
Yez' itsho ngezidanga nezidabane;
Yez' itsho ngobumbejewu bobuhlalu.
Yez' inobulawu nobuqolo;
Yez' inetyeleba nezifikane;
Yez' inomto nomtomboti;
Yez' inendili nesidima;[5]
Yeza ngobungwe nangobungonyama.

---

[2] *Inzuzo* omits this and the preceding five lines, from *Azi sakuyitinin ' ukuyibonga?*
[3] *Inzuzo* omits this and the preceding five lines, from *Bati kusuke*.
[4] *Inzuzo* omits this and the preceding three lines, from *U Mzimb' iiyaqum'.*
[5] Inzuzo omits this line.

Yeza bugcoloco bucokococokozo.
Kwelelisan' amaxego namaxegokazi,—
Kwelelisan' abafaz' abamqumqum,—
Hleze baraxwe yimisi yesilo.
Kub' eliramncwa namhla alaziwa.
Aliputshwanga ngo Njajula no Nondiza.
Alibonwanga ngabo Lingela nabo Mnyungula.
Limzimb' unenkantsi limzimb' unentlantsi;
Limzimb' unedosha nentlungunyembe[6]

Taru Bilitan' Enkulu!
Bilitan' Enkulu engatshonelwa langa!!

Mtuleni maz' aselwandle!
Noko tina singasenandawo.
Kwapela nemihlaba,
Kwapela kwa nabantu,
Bapela ke nobuntu,
Zapel' intliziyo,
Zanyibilika ngokwamafutha[7];
Siyakumtinina lo Mtan' o Kumkani?
Siyakumtinina lo Mtan' o Mhlekazi?
Kanipendule zi ntaba zezwe letu!!
Kanipendule mi lambo yakowetu!
Mtuleni maz'aselwandle!
Noko tina singasenandawo[8].

Mtuleni sike simbone
Simjonge simlozele
Noko singakumxelela nkomo,
Singakumxelela bokwe nagusha,
Noko singakumbalisela.
Kub' imbali zaya zeyela[9];

---

[6] *Inzuzo* omits this and the preceding seven lines, from *Kwelelisan'amaxego*.
[7] Inzuzo omits this and the preceding six lines, from Mtuleni maz'aselwandle.
[8] Inzuzo omits this line.
[9] Inzuzo omits this and the preceding three lines, from *Noko singakumxelela nkomo*.

Ibilapa nenkwenkwez' enomsila,
Angaba yen' usekondweni layo.
Ibize kwabakwa Tshiwo,
Kuma Zulu nabe Sutu,
Kuma Swazi naba Tshwana,
Kusapo Iuka Ntu lonke,
Kub' u Yehov' u Tix' uyalaula,
Uyawakaulezis' amaxesh' Ake[10].
Sinnika!

Emadodeni Mzimb' uyaquma!
'Nt' etwase no Canzibe mini yavela,
Sose sikwabel' u Canzib' ezinkwenkwezini,—
Kuba singumhlamb' owab' inkwenkwezi;
Noko singakumxelela nkomo.
AmaRoza sowanik' abakulonyoko.
I-kwezi solabel' ubukwe bako.
Sobambana nge Silimela tina ma Afrika,
Yona nkwenkwezi yokubal' iminyaka,
Esibala ngay' iminyaka yobudoda.
Hamba kwedini yase Bilitani!

Tomb' elifingiz' imfingimfingi.
Kwade kwanga kuhlel' inkunz' ecanti.
Bayakwalama, bayakukotelwa,
Bayakubizwa, bayakutwesiswa,
Bayakusolwa, bayakujadulwa.
Tombo liyafixiza liyapanyaza
Lifingz' i Fatyi no Mfundisi;
Lifingiz' u Mfundisi ne Ruluwa;
Lifingiz' i Ruluwa ne Bayibile;
Lifingiz' i Bayibile ne Nkanunu;
Lifingiz' i Nkanunu ne Mfundo;
Lifingiz' i Mfundo ne Mbodlela;
Lifingiz' i Mbodlela ne Tempile;

[10] Inzuzo inserts *Uya thetha ngendalo yaKhe* (he speaks about his creation) before this line.

Lifingiz’ i Tempile ne Mfakadolo;
Lifingiz’ i Mfakadolo ne Ndlamhlaba.
Enamhia siyimfingwane singenandawo.
Taru Bilitani sive yipina,—
Taru Bilitan’enkulu!
Gqitela pambili Mhlekazi!

Nyashaz’ ekad’ inyashaza.
Wakuhliwa sisis’ uzusikabe
Wakuhliwa yintlok’ uzuyikabe,
Wakuhlelwa yinton’ uzuyoyise.
Ud’ ubuyel’ esikundleni sakowenu.
Kub’akuw’ amehl’ ama Bilitan’ onke.
Nezixeko zayo nezitanga zayo,
Nezizwana zayo nentlangana zayo,—
Yidl’ ubom mtan’ e Nkosi!
Yidl’ ubom mtan’ o [K]umkani!!
Yidl’ ubom mtan’ o Mhlekazi!!!
Ndlalifa yelakowetu. Ncincilili! Ncincilili!! Ncincilili!!![11]

[11] Inzuzo considerably revises and abridges the concluding two stanzas, from *Emadodeni Mzimb ’ uyaqguma!*